On missing MS
of Imitengo

S. Ntabozuko,
Berlin, C.P.
23rd June 1934.

W.G. Bennie Esq.,
Rondebosch

Bota Mkhuluwa,

Makugale mna ukukubulela egameni lama Xhosa ephelele, mna sel'ewubonile lomzamo ungaka uwenzileyo wokuwenz' abantu nesizwe esinentetho yaso.

Akwaba i Nkosi inganceda ize ngenye imini iwavule amehlo ama Xhosa, akwazi ukuyibona into owenzele yona; ndiyawazi ayakuze ayibulele nakwisizukulwana sakho sel'ungasekho wena nam. Lento ke asiyiyo yangoku iwela kuyihl'omkhulu, iwela ku Bene Omdala.

Ukhi sibe sisacinga yini ukuba sise nelifa elingaka esiligcinelweyo eliwela kubafi oo Tiyo Soga, Gqoba, Wm. K. Ntsikana nazezinye iimbali ezisekhoyo ezinye, zingasekho ezinye; kanti nezo zikhoyo (ezinje ngam kanye), zatyandela nje zalahla, azinaluthho bezilugcinele izizamba, nezizukulwana zazo.

Uzukhangele ke mfo ka Bene weze mvaba.

iweze mvaaba lencwadi yakho yemi-Bengo" kuyakuxokozelwa ngayo, - ewe kuyakutethwa.

Ilivelele yalivelisa lonke eli lakowethu nento zalo, nezenzo zalo; yabavelisa nababali. Ikufanele ukufundwa ngama-Xhosa, koko afe intliziyo, akasayazi into eyinto kwengento.

Intshayelelo yakho iyintshumayelo, ibubusi ngokwayo, andibonanga nesiphene mna kuyo. Kwibali lika "Tarabe" kubekho ukungalandelelani okuthile kwengtelo, wobona ndizamile ukwalatha. Kwibali elingo Thuthula noko ayikhli kamnandi kum into ethethwa futhi nangama-Xhosa amadala, yokuba u Ndlambe no Ngqika balwa ngo Thuthula ngeyama Linde ka 1818-19. Ewe phofu sabakho isiphithiphithi ne xwabaxu elaphelisiwa kwa ngama Ngqika, kaba wona ngokwawo abchasa elomyala lenziwayo.

Ngowe 1818-19 kwakuthuswa amagunya ka Ngqika okuzenza ngaphezulu ko Khawuta.

Ndiqqiba ngombulelo ozondayo, nangombuliso.

Owakho Inene Umninawa,

Samuel E. Krune Mqhayi